MINEWORKERS PROVIDENT FUND
RESPECT DIGNITY LEGACY







# SIYAKHULA WE ARE GROWING

# INCWADI YEENDABA YAMALUNGU

XHOSA UMBA 01 **2018**

# MINEWORKERS PROVIDENT FUND

## IZIQULAHO


| INQAKU: | PAGE |
| --- | --- |
| UMYALEZO OVELA KWIGOSA ELIYINTLOKO | 01 |
| UKUSEBENZA KOTYALO-MALI | 02 |
| UKWAZI INZUZO YOKUKHUBAZEKA KWAKHO | 02 |
| INDLELA YOKUFUNDA ISITETIMENTI SENZUZO YAKHO | 04 |
| UKUKHETHWA KWEFOMU YOMXHAMLI | 05 |
| UKUZISA INGXOWA-MALI KUWE – IMIBONISO YENDLELA YESIZWE | 05 |
| UTYALO-MALI LOLUNTU – ISIKOLO ELUSIKISIKI SIFUMANA UMNIKELO WOKUQALA | 07 |
| I-MWPF IBENEMPUMELELO KWIDABI LENKUNDLA YAMATYALA KUNYE NAMAGQWETHA E-XULU | 07 |
| INDLELA YOKUQHAGAMSHELANA NENGXOWA-MALI | 08 |


## UMYALEZO OVELA KWIGOSA ELIYINTLOKO

Umhlala-phantsi unokukhangeleka njengesiganeko esithe qelele kubomi bakho ukuba ungaphantsi kwe-30, kunye nentsongelo yokwenyani ukuba ungaphezulu kwe-40 kodwa awushiywanga lixesha kakhulu ukuze wongele ikamva lakho.

Njenge lungu le-Mineworkers Provident Fund ungaqinisekiseka ukuba wandisa imali ebekelweyo yekamva, usazi ukuba umnikelo ngamnye owenzayo uyimali elondolozwe kakuhle. Ezinye iindaba ezimnandi zezokuba Ingxowa-mali ikunikezela ngeenzuzo ezininzi ngezo ziganeko zingalindelekanga kunye nezo zelishwa eziyinxalenye yobomi bethu bemihla ngemihla.

Kulo umba sizakugxininisa kwinzuzo yokukhubazeka efumaneka kuwe. Kubalulekile ukuba uqonde iinzuzo zakho ukuze ubenokwenza imikhethe eqiqileyo kakhulu. Funda kananjalo ngenqaku elinzulu elicacisa ngemimmandla eyahlukeneyo yeSitetimenti seNzuzo. Ndiyathemba ukuba olulwazi luzakukunceda ukuba uqiqe ngoluxwebhu lubalulekileyo.

Njenge Ngxowa-mali sizimisela yonke imihla ukuba sivelise imvakalelo efana macala yentembeko phakathi kwamalungu ethu, kubaboneleli benkonzo kunye nabasebenzi. Sifuna ukwazi ukuba sisoloko sijongene neemfuno zakho ezintle kakhulu.



**Philda Mphephu**
Igosa eliyiNtloko

## UKUSEBENZA KOTYALO-MALI

Kwiminyaka edlulileyo utyalo-mali lwe MWPF lunikezele ngeengeniso ezintle eziqhubekayo nezingaguqukiyo. Nangona kukho ukuguquguquka okuqhubekayo kwezimali zorhwebo kunye nommandla woqoqosho ongazinzanga ipotfoliyo yeNgxowa-mali yakho ibonisa ukukhula okuqinisekileyo, kokwenyani. Ungaqinisekiseka ukuba iminikelo yakho isezandleni ezintle.

**ULUHLU LOTYALO-MALI EKUSEBENZENI KWENGXOWA-MALI**

| Unyaka | Ii-asethi R | Inani lamalungu |
|---|---|---|
| 2004 | 8 313 299 | 161 447 |
| 2009 | 16 954 165 | 123 209 |
| 2014 | 26 618 144 | 100 136 |
| 2017 | 29 975 327 | 90 425 |

## UKWAZI INZUZO YOKUKHUBAZEKA KWAKHO



*"Inxalenye ebhatalwa ngumqeshi wakho egameni lakho ukuze ikhusele wena kwiiNzuzo zeSigxina kunye nokuKhubazeka Okupheleleyo (PTD). Le nzuzo isebenza njenge polisi ye inshorensi - ukuba awufumani ukukhubazeka, ayikubhatali."*



Ingxowa-mali yakho yaqaliswa ukuze inikezele ngeenzuzo kuwe ngexesha lomhlalaphantsi kwaye ngomnikelo omnye ungafumana okuninzi kakhulu kunenzuzo nje yomhlalaphantsi wakho.

Qho ngenyanga, unikela ngepesenteji yomvuzo wakho (ingeniso) kwi-Provident Fund. Ekongezeni, umqeshi wakho unikela ngepesenteji yomvuzo wakho (egameni lakho) kwaye isahlulo sisetyenziswa ukuze sikhusele iindleko zemingcipheko yenzuzo yakho ezifana nokufa, ukukhubazeka kunye neenzuzo zomngcwabo. Iinkcitho zeNgxowa-mali kunye neendleko ziyatsalwa kananjalo kumnikelo womqeshi.

## UBUSAZI NA UKUBA INGXOWA-MALI INIKEZELA NGEENZUZO XA UKHUBAZEKA ISIGXINA?

Inxalenye ebhatalwa ngumqeshi wakho egameni lakho ukuze ikhusele wena kwiiNzuzo zeSigxina kunye nokuKhubazeka Okupheleleyo (PTD). Le nzuzo isebenza njenge polisi ye inshorensi - ukuba awufumani ukukhubazeka, ayikubhatali.

## NGUBANI OFUMANA ILUNGELO LALE NZUZO?

Naliphi na ilungu elifumana ukukhubazeka ngenxa yokwenzakala okanye isifo kwaye abakwazi ukwenza umvuzo okanye inzuzo ngokuqhubekayo, ngokusisigxina nangokupheleleyo kwimisebenzi yabo okanye nakowuphi na umsebenzi kunye nomqeshi wabo wangoku, ukuthi ukulahlekelwa kwesigxina kwesiqinisekiso sokuphila qete ekusebenzeni.


Ilungu elifumana omnye walomonakaliso ulandelayo; ukungaboni, ukungeva, isifo sentliziyo, isifo seswekile esixhomekele kwi-insulin (Udidi lwesi-2), isifo sokuwa kunye nakuphi na okunye ukonakaliswa okunxulumene nesiqinisekiso sokuphila qete ekusebenzeni.

## YEYIPHI INZUZO EBHATALWAYO?

Emva kokuba unikezele ngobungqina bonyango, kwaye ibango lakho lokukhubazeka livunyiwe yi-Ishora nayiNgxowa-mali uza kufumana:

- Itotali yemali onayo kwiNgxowa-mali yakho (imali elondoloziweyo kwiNgxowa-mali) kunye
- Nokuphindwa kathathu (3x) komvuzo wakho wonyaka njengesixa semali esiyikheshi.

### IFLOWU TSHATHI YENKQUBO YAMABANGO OKUKHUBAZEKA




**Ukubanga iinzuzo zakho nceda uthethe nomqeshi wakho ukuze ufumane ifomu yebango echanekileyo ukuze uyigcwalise. Umqeshi uza kukukhokela kananjalo ukuba ngwaphi amaxwebhu afunekayo nangenkqubo yokulandelwa ukukhusela ukulibaziseka.**

## UKUKHETHWA KWEFOMU YOMXHAMII

Enye yemisebenzi enzima kakhulu ejongene neeThrasti kukuqinisekisa ukuba iinzuzo zabiwa ngobulungisa kubo bonke abantu abaxhomekeke kuwe, kwisiganeko sokufa kwakho. Nangona ifomu yokukhethwa ingesiso isibophelelo kwiiThrasti, isebenza njengesikhokelo esibalulekileyo kwisiganeko sokufa kwakho.

**Qinisekisa ukuba ugcwalise ifomu yokuKhethwa koMxhali ngonyaka okanye xa iimeko zakho ziguquka ukuqinisekisa ukuba iinzuzo zakho zibhatalwa ngokuchanekileyo.**

## INZUZO YOMNGCWABO EMVA KWEMINYAKA YOBUDALA YOMHLALAPHANTSI

Inzuzo yomngcwabo ibhatalwa kwiNgxowa-mali kwisiganeko selishwa sokufa kwelungu, iqabane okanye umntwana. Kodwa akuphelelanga apho, ukuba ukumhlalaphantsi kwiNgxowa-mali uyaqhubeka ukukhuselwa ngenzuzo yomngcwabo yama-R30 000.

## UKUZISA INGXOWA-MALI KUWE - IMIBONISO YENDLELA YESIZWE

Ngexesha lika 2017 Ingxowa-mali iqalise ngemiboniso yendlela yesizwe, ukufikelela kungekhona kuphela kumalungu kodwa nakuluntu apho amalungu ahlala khona. Eli phulo lokufikelela liyinxalenye yokuzibophelela okuqhubekayo kwabalawuli lokufundisa nokwazisa amalungu kunye nabaxhamli kwindawo yokubonana.

## IMIBONISO YENDLELA YOKUFUNDISA AMALUNGU

Ngelixesha lemiboniso yendlela yokufundisa amalungu ugxininiso lubekwa kwiinzuzo zelungu kunye nokufundisa umxhamli. Imiboniso yendlela yokufundisa amalungu ikwanikezela ngethuba lokuzisa iNgxowa-mali kufuphi nawe. Ukubonakala kuyadalwa kwaye unethuba lokuthetha ngqo nommeli wengxowa-mali. Ingxowa-mali iza kuqhubeka nokubandakanya nabo bonke abaqeshi ukuqhuba imiboniso yendlela yexesha elizayo. Nceda ubuze i-ofisi yakho ye-HR ngemihla yemiboniso yendlela yexesha elizayo. **Le migodi ilandelayo iye yatyelelwa ngo-2018 ukuza kutsho ngoku:**

| Igama loMgodi | Umhla wokuFundisa Ilungu | Itotali |
|---|---|---|
| **Northam Platinum** | 05 Janyuwari 2018 | 5729 |
| **ASMAG** | 01 Februwari 2018 | 68 |
| **Tendele** | 02 Februwari 2018 | 401 |
| **South Deep** | 15 - 16 Februwari 2018 | 1983 |
| **Midvaal** | 01 Matshi 2018 | 46 |
| **Margaret Water** | 07 Matshi 2018 | 29 |
| **Evander Mine** | 08 - 09 Matshi 2018 | 1523 |
| **Tau Lekoa** | 15 - 16 Matshi 2018 | 2565 |
| **Ergo Mine** | 20 Matshi 2018 | 590 |
| **Shaft Sinkers** | 22 - 23 Matshi 2018 | 144 |
| **Arnot (Exxaro)** | 28 Matshi 2018 | 170 |
| **Baberton Gold** | 20 Apreli 2018 | 1474 |
| **Harmony - Welkom Operations** | 04 - 27 Juni 2018 | 15226 |
| **Glencore Operations: Impuzi , Tweefontein open cast, Tweefontein underground, Glencore group services, GGV** | 15 kwaye 30 Juni 2018 | 2029 |
| **Exxaro (NBC)** | 28 - 29 Juni 2018 | 152 |
| **Kriel** | 15 - 16 Meyi 2018 | 408 |
| **ZAC - Zululand** | 27 - 28 Agasti 2018 | 457 |
| **Covelent** | 23 Agasti 2018 | 84 |
| **Anglo coal - Greenside** | 29 - 30 Meyi 2018 | 408 |
| **Total number of members identified** | | **36985** |

## IMIBONISO YENDLELA YEENZUZO EZINGABANGWANGA

Ingxowa-mali isoloko inomdla wakho kwaye ngoko ke senza ngaphezulu kwamandla ethu ukuqinisekisa ukuba iinzuzo ezingabangwanga ziyabhatalwa. Imiboniso yendlela engabangwanga ihlala iyinxalenye ebalulekileyo yeshishini lethu kwaye iyaqhubeka. Siyavuya ngokuvakalisa ukuba ezi zibeyimpumelelo kwaye ukuza kutsho ngoku ziye zakwazi ukubhatala abasebenzi basemgodini abangama-4258 ukuza kutsho ngoku.

Ukuba unolwazi nangabaphi na abasebenzi basemgodini abathe bashiya umsebenzi ngaphandle kokubanga iinzuzo zabo, nceda ubacele ukuba baqhagamshelane nengxowa-mali. Khangela iveni ehambahambayo yethu ngexesha lemiboniso yendlela yonke! Sineqhayiya lokwazisa, ukuba ngokokunceda wena, le veni yobuchule ine ofisi ehambahambayo exhotyiswe ngokupheleleyo ukukunceda nangayiphi na imibuzo nngaliphina ixesha nakweyiphi na indawo.



**Umboniso wendlela waseSwaziland**



**Iveni Ehambahambayo ye-MWPF**

## IPROJEKTHI YOTYALO-MALI LOLUNTU – ISIKOLO ELUSIKISIKI SIFUMANA UMNIKELO WOKUQALA

Bekusoloko kubalulekile kwiNgxowa-mali ukubuyisela kuluntu olubanzi kunye nokwenza igalelo kwiprojekthi eza kushiya ilifa kwizizukulwana ezizayo. Ukususela ngo-2014 siye sabamba isiganeko sesisa sonyaka, Usuku lweGalufa lwe Mineworkers Provident Fund. Ngenye yemali eqokelweyo senze umnikelo wethu wokuqala kwisikolo esiseLusikisiki, eMpuma Koloni esibizwa ngokuba yi-Thembalethu Junior School.

Esi sikolo sasingumlwelwe kwaye siye safuna ukulungiswa okuthile. Ekongezeleni kulungiso sakha isigaba sesiseko kwaye iprojekthi kufuneka igqitywe ngasekupheleni kuka-Oktobha ka-2018. Esi sisiqalo nje njengoko sijolise ekwenzeni iiprojekthi ezininzi kwiindawo apho amalungu nabaxhamli bethu bahlala khona.



**Ukulungiswa kweSakhiwo se-Thembalethu Junior School**



**Ukwakhiwa kwesakhiwo sokwakheka kwesiseko siyaqhubeka**

## I-MWPF IBENEMPUMELELO KWIDABI LENKUNDLA YAMATYALA KUNYE NAMAGQWETHA E-XULU

I-inqobo ezisesikweni ezingundoqo ze-Mineworkers Provident Fund njengengxowa-mali yintlonipho, isidima kunye nelifa apho iNgxowa-mali iqhutywa ngumnqweno wayo wokushiya into exabisekileyo kwisizukulwana esilandelayo. Kungale nto esengqondweni ukuba sizimisele ukunceda amalungu ethu kunye nabaxhamli ngentlonipho yokugqibela kunye nokungafihlisi kwaye ke senze ngaphezulu kwamandla ethu ukuqinisekisa ukuba amalungu ethu nabaxhamli bafumana oko kulilungelo labo ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka.

Ngelishwa, ayinguye wonke umntu owabelana nathi ngombono wethu. Ngelixa senza konke okusemandleni ethu ukuqinisekisa ukuba iinzuzo zibhatalwa ngokufanelekileyo, kukho aboni abenza iyelenqe nabaphumelelayo ukuba babe imali yolundolozo lwexesha elide yamalungu ngendlela yokucinezela amalungu ethu.

Sifuna ukukwazisa ukuba, xa iimeko ezinjalo ziza kuthi sizama kangangoko ukuqinisekisa ukuba oko kuyayekiswa, kwaye ubulungisa buyasebenza. Siyakuvuyela ukukwazisa ukuba amagqwetha e-Xulu aye athatha ukulandulwa kokubhatala kweNgxowa-mali ayisa kwi-akhawunti yeqela lesithathu. Ityala lavulwa ngo-2014 kwaye emva kweminyaka emine ebulalayo, siyavuya ukuvakalisa ukuba inkundla yamtyala ilawule ngokwecala leNgxowa-mali.

Sikhuthaza amalungu ukuba aqaphele kwaye aqhagamshelane ngqo ne-Mineworkers Provident Fund ukuba ngaba bafuna ukwenza ibango. Ingxowa-mali ayisoze ibhatale iinzuzo zelungu ngaphantsi kwayo nayiphi na imeko kwi-akhawunti yeqela lesithathu. Kubalulekile kananjalo ukuqaphela ukuba asibhatalisi nayiphi na imali yokuqhuba ibango okanye ukufumanisa ukuba kukho iinzuzo ekufuneka uzibhatalwe. Ukuba ucelwa imali ukuze uncedwe ngokukhawulezisa kokubhatalwa nangomphi na umntu, nceda uxelele oku kundlunkulu njengoko ingeyiyo indlela esisebenza ngayo.

Tyelela u- www.mwpf.co.za okanye ufowunele u-010 100 3001 ukufumanisa nangakumbi ngendlela yokufaka ibango. Ngenye indlela qhagamshelana nommeli wakho we-HR.

## INDLELA YOKUQHAGAMSHELANA NENGXOWA-MALI

Ukuba ngaba unayo nayiphi na imibuzo malunga neenzuzo zakho zeNgxowa-mali okanye ungathanda ukulandelela ibango unokusebenzisa iindlela ezahlukeneyo. Siyawamkela umbuzo wakho. Ngokoncedo lwakho ungatyelela nawaphi na kula maziko ongena kuwo ngaphakathi alandelayo ukuze ufumane uncedo:

## MINEWORKERS PROVIDENT FUND AMAZIKO ONGENA KUWO NGAPHAKATHI

| AMAZIKO ONGENA KUWO NGAPHAKATHI | IDILESI YENDAWO YOKUHLALA | INOMBOLO YOMNXEBA | EMAIL ADDRESS |
|---|---|---|---|
| **Carletonville** | Office No. 2, Uys Buys Business Park Cnr, Kaolin & Radium Street, Carletonville, 2499 | (010) 100 3001 | clientservices@mineworkers.co.za |
| **Witbank** | Office No. 9, M&B Centre, 16 Mandela Street, Witbank, 1034 | (010) 100 3001 | clientservices@mineworkers.co.za |
| **Welkom** | 2nd Floor, Metropolitan Building, 16 Mooi Street, Welkom, 9459 | (010) 100 3001 | clientservices@mineworkers.co.za |
| **Johannesburg** | Cnr Melle & 26 Ameshoff Str, Braamfontein, Johannesburg, 2000 | (010) 100 3001 | clientservices@mineworkers.co.za |
| **Orkney** | Shop No, 12, Umuzimuhle Shopping Complex, Vaal Reefs No 3, Orkney, 2619 | (010) 100 3001 | clientservices@mineworkers.co.za |
| **Mthatha** | No 49 Leeds & Craiser Street, Metropolitan Place, 1st Floor, Mthatha | (047) 531 2003 | clientservices@mineworkers.co.za |
| **Mozambique** | Bairro de Chinunguine C, Praia de Xai-Xai, Cidade de Xai Xai, Provincia de Gaza, Mocambique | (010) 100 3001 | clientservices@mineworkers.co.za |


## ABACEBISI BE-EBS

Ingxowa-mali isebenzisa abacebisi abahlukahlukeneyo be-EBS ukunceda nangayiphi na imibuzo. Aba bacebisi uza kubafumana kule migodi ilandelayo:

| IGAMA LOMGODI | INDAWO | ULAWULO |
|---|---|---|
| **Northam** | Thabazimbi | Pertunia Mabote |
| **Harmony** | Free State | Joseph Mlambo |
| | Westernarea | Dineo Mphapho |
| | Carletonville | Petronella Modutsoane |
| **Sibanye** | Carletonville | Kamohelo Sedimo |
| | | Nelisiwe Mkhonza |
| | | Andries Ndlovu |
| | Free State | Tebogo Mavhundla |
| **Anglogold Ashanti** | Orkney (Vaal) | Mbathini Dlamini |
| | Carletonville | Sthembiso Mabaso |
| **Glencore** | Mpumalanga | Leah Mabaso |

## SILANDELE KWI-FACEBOOK KUNYE NE-TWITTER

Hlala unolwazi ngazo zonke iindaba ezimalunga nemiba yeNgxowa-mali ngokusilandela kumajelo eendaba zoluntu:



https://www.facebook.com/mineworkerpf/




https://twitter.com/Mineworkerspf/

## SIYIXABISILE INGXELO YAKHO

Njengoko siyixabisile ingxelo yakho singathanda ukufumana ingxelo evela kuwe. Nceda usazise ngento oyicingayo ngencwadi yeendaba ngokuthumela i-imeyile ku:

externalcomm@mineowrkers.co.za

## IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZIKANDLUNKULU WENGXOWA-MALI

Mineworkers Provident Fund Building, 4th Floor,
26 Ameshoff Street Cnr Melle, Braamfontein
010 100 3001
www.mwpf.co.za

*Disclaimer:* The information provided in this newsletter is protected by applicable intellectual property laws and cannot be copied, distributed or modified for commercial purposes. While every effort has been made to ensure that the information contained herein is current, fair and accurate, this cannot be guaranteed. The use of this information by any third party shall be entirely at the third party's discretion and is of a factual nature only. Please note that if the content of the newsletter conflicts with the Rules of the Fund, the Rules shall prevail. MWPF does not accept any liability due to any loss, damages, costs and expenses, which may be sustained or incurred directly or indirectly as a result of any error or omission contained herein.